Overstrand Personeelblad/Staff Newsletter

Phambili!

Vorentoe/Forward

Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality OVERSTRAND

Indaba 3

AGASTI | SEPTEMBA | OKTHOBHA 2016

Ngexesha *iPhambili* isiya koonondaba, unyulo loomasipala bamakhaya lwango-2016 luya kube seluyimbali - njengoko neminyaka emihlanu yolawulo loomasipala bamakhaya oluxhaswayo kungoku nje, lilibhangisile ibhunga.

Kamsinyane nje, iBhunga liza kunyula amalungu amatsha eBhunga aya kuba sezikhundleni apho kuya kufuneka senze khona amakhonkco etsebenziswano afanelekileyo ukuze sifezekise umyalelo esiwubekelwe ngumgaqo-siseko.

Kuya kuba kwiBhunga elitsha ukukhupha izikhokelo zomgaqo-nkqubo oya kusikhokela ekwenzeni imisebenzi yethu. Khumbula ukuba sikhonze uluntu lwethu luphela.

Ukubonakalisa loo misebenzi lifuna ukuba siyenze iBhunga kwisithuba seminyaka emihlanu, iPhambili ifuna ukukhangela ukuba sinobuchule kangakanani - singabantu abasebenza kanye emsini - sisebenzela ukwanelisa iBhunga njengequmrhu noko bakulindeleyo kuthi abalawuli mayela nokuhanjiswa kweenkonzo ezichaphazelekayo.

Ayimangalisi into yokuba siqhube kakuhle kangaka: Kakade, i-Overstrand iphakathi koomasipala abalishumi abaphambili nje kweli lizwe, sikhona isizathu, akusathethwa ke ngento yokuba singoyena masipala wakha wasebenza kakuhle eMzantsi Afrika. Ukucaphula amazwi kaManejala kaMasipala, uCoenie Groenewald athi, " "Nakuba besijongene nemiqobo emininzi kwaye sikwajamelene nengxaki yefuthe elibi lemeko yezoqoqosho kwihlabathi liphela, kodwa ngokophuculo lwemigangatho ndawonye nokusa iinkonzo eluntwini, i-Overstrand isahleli izinikele kangangoko ekuhambiseni iinkonzo ezingundoqo ezisemgangathweni kubo bonke oomasipala bakhe."

Xa wayebuzwa ukuba zimpawu zini ezibonakalisa impumelelo egqibeleleyo, uGroenewald wakhawuleza ukuphendula ngamazwi athi: "Ngokuqukeza, ngokuzibona sinoxanduva lokuphendula kwanobunini." Kodwa xa siqwalaselisisa okongezelelekileyo kweli nqanaba lempumelelo, kukuba siyicinge nento yokuba abo babengaphambili ekuhanjisweni kwale nkonzo makube banyamezela, abalahla themba kwaye basoloko bezithembile, bezithobile, kwaye bezinikele kananjalo.

Kwelo nqaku kanye ke, ugqibele nini ukukhe ukhangele indlela osebenza ngayo uyithelekise neempawu zentsulungeko zase-Overstrand?

Ewe, akhona amathuba abonakalisa ukuba singasuka sizigwagwise ngenxa yokunconywa macala onke. Abekhona ke nathi siya kusuka singazikisi kwizinto eziphambili ezingundoqo wokuphunyezwa kombono wase-Overstrand: ukukhathala, ukukhonza abahlali, kwanobunini.

YINTONI ESASILINDELEYO?

Ukuza kuthi ga ngoku, umbuzo ofuna ukuphendulwa ngothi:

INGABA SIKWAZILE NA UKUBUTSHINTSHA UBOMI BABANTU

SIBENZE BUBE NGCONO?

Ngoko ke, njengokuba sinesizathu sokuba sizingce ngento esithe sayiphumeza kwixa elidlulileyo, masingazigwagwisi side silibale ukuba kusafuneka senze umqela omkhulu ngaphambi kokuba sibizwe ngokuba siyi-centre of excellence for all we serve, yokwenene. Kufuneka sizibuze yonke imihla ukuba, "kutheni silapha?" kwaye kufuneka sithembeke ngokupheleleyo xa siphendula lo mbuzo.

Ngokufutshane, ukuba wena nam sifuna ukuqhubeka sisenza umahluko ebomini babo sibasebenzelayo, kufuneka sizinikele ekuphumezeni umbono wase-Overstrand, nokuba iimeko ziguquguquka kangakanani na.

Eyona nto ifunekayo, yinkathalo, kukukhonza abahlali, kwanobunini.

Coenie Groenewald

UNGANYEBELEZELI LIXESHA LEMIDLALO **I-CASUAL GAMES**!

Kulandela nje kancinane emva kwemidlalo eRio 2016, abaququzeleli be-Casual Day - esekunokwenzeka ukuba ngowona mcimbi mkhulu wonyuso-ngxowa waseMzantsi Afrika onceda abantu abakhubazekileyo - oye wakhetha owona mxholo ufanelekileyo wemidlalo. Ukulandela imigaqo yokungenela loo midlalo…

Kwabo basaqalayo, ukulungela ukuthabatha inxaxheba emidlalweni, bangazithengela nje ithokheni ngelona xabiso lingenamsebenzi, iR10 kuAnandi Rust okanye kuRiana Steenkamp. Iindaba ezimnandi ke zezokuba ngaloo thokheni isesandleni sakho, ukungena kwakho kwezolonwabo nemidlalo ngoLwesihlanu umhla wesi-2 kweyoMsintsi (Septemba) 2016, yinto eqinisekileyo: Huntshu!

Into elandelayo ekufuneka uyenze kukuzibeka ezinyaweni zoompondo zihlanjiwe ngokunxiba njengabo: Nibile nisoma nidlalela ukuzibulala niqhokra ngezinti zehockey, nizithe gxugxe kwezo mpahla zomdlalo weqakamba, niduvana ngokweenkunzi zegusha kwiskram, nitsalana, nifunqulana nixhumela phezulu kumdlalo wombhoxo, niphekuphekuza ngamaphini omdlalo wentenetya, niheshana ngamaphini nibethena neebholana ezineentsiba (plume) zomdlalo ibadminton. Okanye, ukuba akuthathi nxaxheba emidlalweni "ulibonde" - oko kukuthi udlala kakhulu usecaleni phaya ngeli xesha ubukele iqela lakho lidlala - kodwa qiniseka ke ukuba wenza izinto eliya kukwenza ubonakale ukuba ungumxhasi ofaka umfutho kwiqela lakho.

Ukuba ukwenzile oku kungasentla, loo nto ifana nokuthi, yima ngendawo yakho, lunga ke, maziye…!

Kutheni uza kuziduba ngokuxhasa iCasual Day? Impendulo ilula:

Ngethokheni nganye yeR10 oyithengayo, oko kuthetha ukuba i-Overstrand Association yaBantu abaKhubazekileyo (Overstrand Association for Persons with Disabilities- OAPD), eseHawston, iya kuba sethubeni elihle lokuba ime. Lo mbutho kungoku nje ubonelela ngeenkonzo abantu abakhubazekileyo abafikelela kwi-174 abahlala eHawston, eMount Pleasant naseZwelihle.

Ngelishwa ke, ngenxa yeengxaki zoqoqosho nokuyeka kukarhulumente ukuxhasa imibutho engasebenzeli nzuzo, kodwa i-OAPD isaphefumla phantsi kwezo meko.

Qikelela ukuba ngubani owonyulwe yiManyano yooSompempe bePuli yoMzantsi Afrika njengommeli wayo oya kuba ngusompempe kuKhuphiswano lweHlabathi luka-2017 lobuNtshatsheli kwiiBhola ezisiBhozo zePuli eNgilane? Uqikelele: nguTanya Smit nangoku! ***IPhambili*** idibene neeNkonzo zoFezekisomsebenzi zaseGansbaai ivuyisana noTanya ngeli wonga kwaye egameni labafundi bethu, sikunqwenelela impumelelo kulo mnyhadala wemidlalo ujongene nawo. Siyathemba ukuba akusayi kugcina igama loMzantsi Afrika liphezulu kuphela kodwa uya kunyusa nemibala yaseOverstrand kulo mnyhadala wemidlalo!

Dibana no-Ivin Witbooi - Umbali-manani, kodwa ekwangumthandi wemid-lalokunye nendoda ekholwa kakhulu, oko kufunyenwe nguAnandi Rust xa ebenodliwanondlele nomPhathi omtsha weCandelo loPhatho lweeMfuneko neNtengo yeMpahla xa ebezama ukuqonda ukuba yintoni na emenza adlamke.

U-Ivin Witbooi (32) wazalelwa eHex River Valley wakhulela eDe Doorns nalapho wathi wadibana nonkosikazi wakhe. Ufumene isidanga se-BCom kuCalulo-mali kwiYunivesithi yaseStellenbosch kwaye ubesebenza kumngxilo wophatho lolawulo lobonelelo-zimpahla ukusukela ngo2008. U-Ivin uqale ukusebenzela uMasipala waseOverstrand ukusukela ngoMatshi 2016.

Uthando localulo-mali kunye nothengo lwempahla zizinti ezityhutyha ngemithambo kuye. U-Ivin uthi loluthando olumenza ukuba ahlale edlamke imini nobusuku. Ukholelwa ekubeni ubani kumele angaze azimase intlanganiso - nokuba igunyazisiwe okanye ayigunyaziswanga - engazilungiselelanga ngenxa yokuba umntu onolwazi ngumntu owongeza ixabiso nakweyiphi na ingxoxo.

Nangona wayedlala isoka esikolweni, kule mihla uthanda ukubonakalisa inkxaso kumaqela awathandayo ombhoxo, isoka, iqakaba kunye neembaleki ngokuwavuyela ebukele ecaleni kwamabala. Ubuzwe ukuba kukho izithethe athi azilandele ngaphambi kokuba aqale usuku lwakhe, uphendule ngelithi: "Ndiqala usuku lwam ngomthandazo ngenxa yokuba ngaphandle kwamandla uThixo andiboleka wona, andisayi kuba namandla. Ndiyambulela uThixo ngayo yonke impumelelo encinane endinayo ebomini bam."

Ingcebiso yakhe kuye nabani na ofuna ukuphumelela ebomini ingqalile: "Sebenza nzima, nikezela ngako konke kwaye ungaze uyeke ukuba ngugqadambekweni. Kwaye musa ukuyeka naliphi na ithuba likudlule nokuba lingaba lingumceli mngeni ongakanani na. Ubomi yile nto uyenza wena kubo." Umntu okholelwa ekubeni ukuba abaphathi abagqwesileyo ngabo banyuka kumanqwanqwa empumelelo ebengatsibanga nalinye kwaye banakho ukuqonda nokubanovelwano nabo babaphetheyo. Xa sisahlukana, ulvin ucaphule iresiphi yempumelelo yakhe: "Yazi ngaphezi kwabanye. Sebenza ngaphze kwabanye. Lindela ngaphantsi kwabanye."

Siyamamkela ulvin, umfazi wakhe kunye nabantwana babo abathathu kusapho lwaseOvestrand kwaye simnqwenelela impumelelo ngentlalo entle kwesi sahluko sobomi babo.

THABATHA INYATHELO. KHUTHAZA UTSHINTSHO.

kwikhwelo ebelihlatyiwe uninzi lwaseOverstrand luthe lwasabela ukunika imbeko kuMadiba kwaye bafunge ngelokuba abasayi kuzenzisa ukuba bayakhathala ngokwenza izinto zosuku olunye ngonyaka.

Ukunika imbeko kuNelson Mandela, umhla we-18 kuJulayi wabekelwa ecaleni kwimihlabathi ngokubanzi ukuvuyisana nesi sithalandwe esathi, "Okubalulekileyo emhlabeni asikokuba waphila. Kukuba ngumahluko onjani esithi siwenze kubomi babanye abantu obumisela ukubaluleka kobomi esibukhokeleyo".

Kwaye ngamaphulo ahlukeneyo omnye nomnye athe wazibandakanya nawo, abantu baseOverstrand bathe banikezela ngemizuzu engama-67 kwinto enika iwonga uSuku lukaMandela:

- Amathala eencwadi aseOverstrand ewonke athe asebenza njengeendawo zokunikezela iingubo ezithungwe ngothando ngabantu abadala baseOverstrand.

Abasebenzi bamathala eencwadi aseBetty's Bay naseKleinmond bathe bamkela iminikelo evela kuSodolophu uNicolette Botha-Guthrie

Abasebenzi bethala leencwadi laseStanford bekunye namalungu oluntu bathe bamkela uthotho lweengubo kuNicolette Botha-Guthrie (ongowesine ekunxele)

- ISebe lezeeNdlela eOverstrand lithe lanikela ngesuphu eshushu, isonka neengubo kwabangenamakhaya eHermanus

Amagosa enxibe iyunifom (ekhohlo) nguMaison Campher, uSivuyile Ngongo, uNelson Kanunu noAnthony Blankenberg

- UBuli Plaatjies ekunye neqela lakhe kwakunye nomlimi wemiyezo, uLauren Rianbird batyale ama-80 emithi yonke ukunceda ukwenza luhlaza izindlu zexabiso eliphantsi ezisandula kwakhiwa eMount Pleasant

U-Elzano Philander ekunye noMarvin Samuels bavela kwiSebe leePaki

- Ngoku kusetyenziswana namaqela enkxaso, Frazer and Deniel Barry's iTribal Echo Band bathe baphumelela ukuqokelela malunga nama-205 eepere zeekawusi ukunceda abantwana, abafundi nabantu abadala ukuba bangatyiwa yingqele ezinyaweni kwezi nyanga zobusika zizayo.

U-Adinda Jantjies ovela kwiOfisi yoKhenketho ephethe ikawusi eziqokelelwe ngabanye ukuze zinikezelwe ngoSuku lukaMandela.

UBUMELWANE OBUBUBO, NGOKU:

Usakubabetha ngama: 40-13 ubumnandi buyancipha!

UBrendan Hunter, ukhapteni weklabhu yombhoxo yaseHawston osebenza kwicandelo lezemililo eOverstrand Brandweer, akazingci nje kancinci ngeqela lakhe elitywatyushe abamelwane iHermanus Atlantics, ngoMgqibelo umhla we-9 Julayi.

"Kukho ukhuphiswano olukhulu phakathi kwamaqela ethu angabamelwane kangangokuba loo nto yenza kusoloko kukho inkxaso enkulu xa la maqela mabini engquzulana," utshilo uBrendan woleka wathi abadlali nabaqeqeshi basebenza nzima ukwenzela ukonwabisa ababukeli babo ngomdlalo obalekayo ngayo yonke imiGqibelo.

I-Hawston ayikoranga ngaphantsi kweetrayi ezintlanu kolu ngquzulwano: Impumelelo eqinisekisa iAtlantics ngendawo yayo phambi kokuphela kwexesha lemidlalo yombhoxo yeBholandi, okanye?

UBrendan Hunter

INTWAZANA ENCINCI KAKHULU IFUMENE ITHUBA LOKUYA EBRITANE

U-Kimberlyn Seconna ofunda kugreyidi 7 eLaerskool Hermanus ufumene isimemo sokumela iqela lebhola yomnyazi leRiebeekvallei kutyelelo laseNgilane.

Kulo nyaka uphelileyo le ntwazana, uKimberlyn esanda kugqiba iminyaka eli-13 ibiyonyulelwe ukuthatha inxaxheba kumaqela labesikolo laseOverberg-0/12 nelase-Bholani-0/12 neleNtshona Kapa.

Yitalente kaKimberlyn etsale amehlo abachongi ngexesha letumente ebingePasika eRiebeek West. Ngoko nangoko bammema ukuba abe yinxalenye yeqela lebhola yomnyazi laba-0/13 eliza kudlala eBritane ngoDisemba kulo nyaka.

U-Kimberlyn Seconna

Ngaxalinye kukho itumente yezithili eza kuba seRiversdal apha kuAgasti apho uKimberlyn aza kudlalela iqela laseOverberg laba-0/13.

Simnqwenelela konke okuhle kolu hambo lubaluleke kangaka aza kuluhamba kwaye sinethemba lokuba umama wakhe uCeleste Fortuin (nee Seconna), uza kukwazi ukumelana nale meko.

Yanga uSombawo **anganikhokela**, anisikelele kwaye anigcine nikhuselekile...

Ngokwazi amanzithinzithi engozi amadoda nabafazi baseOverstrand ekufuneke bejongene nawo kweli xesha lemililo, amabandla eenkonzo amaninzi kwesi siphaluka athe athabathela kuwo iisemoni zeenkonzo zokusikelela abo banoxanduva lokusikhusela... kwaye babambe iisemoni zasemva kwesizini ukubulela kuSombawo ngokusisikelela.

Kumfanekiso ongezantsi (ukususka ekunxele ukuya ekunene) nguLester Smith, uDawie Esau, uAngelo Aplon, uPatrick Africa, uMshumayeli uChristo Nel, uJohan du Toit, uTony Blankenberg, uKholoneli Pillay, uMfundisi wemiKhosi uMark Robson kunye nongaphambili uMshumayeli Isabel Nel nothe wazimasa inkonzo yokuphela kwesizini ka-2015/16 eChristian Family Church eHermanus.

UKULOBA ELWANDLE KUKUDLA KWAKHE

Ominyaka ilishumi elinesibini ufumene imibala ye-WP

U-Erik noDefrane Dahl asikho sincinci isizathu sabo sokuba nebhongo ngonyana wabo uChristof: U Stoffie uzenzele igama kwiqela labalobi lePhondo iNtshona Kapa kwaye ngenye imini uza kuthatha inxaxheba eKleinbaai kukhuphiswano lwamaphondo kwinqanaba i- "Light Tackle Inshore".

uChristof Dahl

Ngomlomo kaDefrane osebenza kwi-ofisi yaseGansbaai kwicandelo lezabasebenzi uChristof (12) wazalwa engumlobi: "Ulala avuke aphile ukuloba. Ngamanye amaxesha amaze alatyuzayo akhe amothuse nto leyo iye imenze ukuba akhe aginye ipilisi kodwa loo nto ayimgxothi elwandle."

Ngamanye amaxesha uDefrane uziva engathi yintlanzi ekumhlaba owomileyo ngenxa yamadoda amathathu ahlala nawo ebomini bakhe.

Siyavuyisana nabakwaDahl ngempumelelo yonyana wabo simnqwenelela konke okuhle.

U-KELSEY MONTAGU, UMFUNDI OKU-GREYIDI 4 WASE-OCKIE SMUTS PRIMARY, UBENGOMNYE WABOKUQALA ABAHLANU ESIKOLWENI SAKHE

uShereen uKelsey Montagu

Inqanaba asoloko ekulo oko iwaqala ukufunda. Ufumene ama-99% kwisiNgesi uLwimi lweenkobe, ama-97% kwisiAfrikansi uLwimi oLongezelelweyo, ama-89.8% kwiMathemathika nama-93% kwiSayensi neTekhinoloji. Le ntwazana kulo nyaka uphelileyo iphumelele iOverberg Spelling Bee kwaye ekupheleni konyaka iza kuthatha inxaxheba kwiOlympiad yemathemathika neeLwimi Conquesta. Umama wakhe ozingcayo ngaye uShereen Montagu yiOperational Clerk eStanford.

UNoluthando Zweni

UNoluthando Zweni, nongumPhathi woNxibelelwano eOverstrand, kutshanje uthe wabeleka umntwana omhle oyinkwenkwe. Nje ngaphambi kokuba aye kwikhefu lokubeleka, oogxa bakhe bathe bamenzela ipati.

Director Desireé Arrison, Ntombi Mtholo, Glenda Saunders, Doret Taljaard, Elize van Zyl, Elmarie Sales, Wihan Louw, Lionel Wallace, Gerhard Smith, Mayor Nicolette Botha-Guthrie, Sylvia Block, Rentia Pretorius, Charmaine Resandt.

KHATHALELA **LOO MOTO** YENKAMPANI NGOKUNGATHI YEYAKHO

"Zingangabi zii-BMW okanye ii-Audi kodwa zisaxabisa kakhulu," intatheli *yePhambili* uAnandi Rust uyalumkisa.

Kumnyaka-mali wama-2014/15, kwathengwa izithuthi ezintsha ezingama-23 eziquka ikakhulu ii-Nissani hardbodies kunye neePolo Vivos zaze zakhutshelwa amacandelo ahlukeneyo aquka iiNkonzo zoKhuseleko, IziXhobo nezaKhiwo kunye noCwangciso, iiNkonzo zeQumrhu, eleziMali kunye noPhuhliso loQoqosho lweNgingqi. Nangona ingqokelela yezithuthi zaseOverstrand zingama-359 zizonke ngoku, izithuthi ezine ezongezekileyo kumele ukuba zithengwe ngezigidi ezili-R15 zizonke kumnyaka-mali wama-2016/2617 khona ukuze kumelwane nezidingo zamasebe ezeNdlela, uMbane kunye nemiLilo ngokulandalelanayo.

Nangona ezi zithuthi zingezo "zothuthi zamaphupha" akho, kusafuneka uzikhathalele ngokungathi liqhayiya nebongo lakho. Nanjengoko ukuthengwa nokunonotshelwa kwale ngqokelela yezithuthi ingumcimbi oneendleko nje, uPhatho lweNgqokelela yeziThuthi lucela bonke abasebenzi abachaphazelekayo ukuba benze ngako konke okusemandleni abo ukuba isistimu yophatho lwengqokelela yezithuthi isebenza ngokufanelekileyo kwaye ubomi bezithuthi kuyandiswa. Khumbula kwakhon aukub indlela oqhuba ngayo inefuthe kwimbonakalo kuluntu yeOverstrand.

1. Gcina iimoto zicocekile kwaye zisempilweni
2. Xela uumonakalo nezigulo kwangoko
3. Zalisa ilogbhuku kwaye ungenise iziliphu zepetroli
4. Sebenzisa izithuthi njengenjongo ezigunyazisiweyo kuphela
5. Funda umGaqo-nkqubo ongeNgqokelela yeziThuthi xa ufna imigaqo ephelelelyo (iyafumaneka kwi-intranethi)

Nceda uhlale ucinga ngokhuseleko lwakho nelabanye abasebenzisi bendlela:

1. Hlala unxibe amabhanti ngalo lonke ixesha
2. Musa ukuthetha kwiselula okanye ukubhala umyalezo ngelixa uqhubayo
3. Musa ukusela utywala uphinde uqhube
4. Zigcine ukhuselekile ngokuthi uhambe ngomyinge wesantya omiselweyo
5. Layita izibane zemoto nokuba akukho sidingo soko.
6. Hlala ngendlela elungileyo ngelixa uqhubayo



UKUZIBOPHELELA KWETHU KUHLALA KUTHANDABUZEKA KUXANDUVA LOKUSINGQONGILEYO?

Makhe sibone ukuba ungakuphendula ngokukhawuleza okungakanani na oku kulandelayo:

Umbuzo: *Ingaba zidityaniswa yintoni iziqinisekiso zokhululeko lwerhafu ezikwikhompyutha kunye nekreshi? Ingaba (a) kukusebenza ngamaphepha, (b) yimithi okanye (c) ziingxelo zezimali eziphicothiweyo?*

Impendulo: *ukuba impendulo yakho ngu(b), uyakube uchane ucwethe ngotolo ngenxa yokuba iziqinisekiso zokhululeko kwirhafu ezikwikhompyutha sazeOverstrand zingancedisa kwiphulo lokuguqula enye ikreshi ibe ngumyezo ongonwabisa isizukulwana esizayo.*

Indlela yokusebenza koMasipala waseOverstrand ukukhupha iziqinisekiso zokhululeko kwirhafu ezikwikhompyutha kungakhange kuziprintwe kuthetha ukuba umlisela nomthinjane ofunda kwiKreshi yaseYomelelani eZwelihle uyakuze ukwazi udlala phantsi komthunzi kwemithi yomkhoba waseOuteniqua.

Le mithi ithe yalizwa yi-rates-Clearence.com egameni leOverstrand ngokuthi iphinde ifezekise itekeni yekota kwiphulo i-Grow-your-tree.

UElmarie Hooneburg ongumPhathi oyiNtloko: Ingeniso ucacise wathi "ngalo lonke ixesha iOverstrand ikhupha iziqinisekiso zokhululeko kwiirhafu ngekhompyutha, umthi mbombo wethu uyakhula. Wakube ukhule ngokwaneleyo, iratesClearance.com iliza ngomthi egameni likamasipala noya kutyalwa kwindawo ekhethwe sithi. Ngokukhupha iziqinisekiso zokhululeko kwirhafu ngekhompyutha, oomasipala bonga umthi omnye ngezicelo zekhompyutha ezingama- 600 ezifezekisweyo nanjengoko ingathabatha imithi eli-17 ukwenza itoni enye yamaphepha."

Abakumfanekiso kunikezelo lomthi (ukusuka ekunxele ukuya ekunene) nguCeleste Fortuin, uMarion Baartman noShantel Maree besebe lezimali kuMasipala waseOverstrand.

Ikreshi iYomelelani yinxalenye yovuselelo lweZiko iHou Moed eZwelitsha kwaye yayikhethwe lisebe lezezimali ukuba ilizwe ngemithi.

ULauren Rainbird, ongumlimi wemiyezo kumasipala ucebise ngelokuba iAfrocarpus falcatus (Podocarous falcatus) - neyaziwa ngokwesintu njengomkhoba - mayityalwe kwaye kuthethwe neYomelelani ukuba iwugade.

IMILONJI ESELULA YASE-OVERSTRAND **BAPHAKAMISA UMONGO WE-OVERSTRAND** - Kwimvisiswano siya kugqwesa

UNina Visser (intombi yakhe uAnnelize osebenzela isebe lezimali eHermanus), uSayola Zungula, uNoni Afrika (intombi kaNolita osebenza kwindawo yolwamkelo kwiinkonzo zofezekiso-misebenzi eKleinmond), uMonelisi Lutshwati, uLize Visser (udade boNina noyintombi kaAnnelize), uSiya Saul (intombi yefolmani kummandla waseKleinmond uPatrick Latoli) kunye noShaun Bailey (unyana kaChristiaan, okwisebe lombane eKleinmond).

Ukusukela ekusekweni kwayo ngo-2013, i"Handevat Marimbas" yazimisela ukudala imvisiswano phakathi kwamaqela eenkcubeko ezahlukeneyo ngokwendlela eqhelekileyo yaseOverstrand. Kwaye indlela abathi mayenze ngayo le nto kukudala amathuba okuba abantu baqambe umculo kwaye baziyolise bekunye nje.

Namhlanje, eli qela lababethi-marimba liquka amalungu alithoba amele izikolo ezintlanu kwisiphaluka sabo.

Okunika umdla, ke kodwa, kukuba wonke amalungu eqela angawafunda amanqaku omculo kwaye wonke aphumelele (emagqabini) iimviwo zawo zethiyori zaseUNISA - nesisingqinisiso sokuzibophelela komseki weqela ekubeni negalelo ekuphuhliseni iitalente zomculo zolu lutsha.

Ukuya kuziqeqesha ngoLwesihlanu emva kwemini - nekukuphela kosuku abakwazi ukuziqeqesha ngalo ngenxa yokuba isithathu seqela sihlala ehosteli eCaledon - oku ngokwenene ukuchaza ukuzinikela kwabo. Kodwa oku kukwadinga ukuzibophelela ngakwicala labazali bamalungu eqela.

IPhambili ithulela umnqwazi uAnnelize, uNolita, uPatrick noChristiaan nabathe banegalelo elikhulu ukunceda ukuba i"Handevat Marimbas" izuze ibhaso lokuqala eliyimbalasene kwi-Cape Town Eisteddfod kutshanje.

Ewe, emva kokuphumelela amawonga aphezulu iminyaka emithathu ilandelelana kwiOverberg Eisteddfod, eli qela lababethi-marimba abasemfanekisweni likubone kulungile ukuzibandakanya namanye amakhuphiswano enkcubeko. [umfanekiso]

Ukongeza koko, eli qela lababethi-marimba libe nenyhweba yokuvela kwinkqubo kamabonakude iMooiloop kwaye bathe badlala kwiPan-African Society for Musical Arts Education conference, ebibanjelwe ePaarl.

Niqhube kakuhle, bafo wethu! Ukuzinikela kwenu ukuba nibe kumanqwanqwa aphezulu nasekumanyaniseni abantu akusayi kuze kungahoywa.

Apha sinethemba lokuba abaninzi baya kunilandela.